

# UMGAQO-NKQUBO WEELWIMI KAMASIPALA WOMMANDLA WASEMOHOKARE

## INTSHAYELELO

**NJENGOKUBA** uMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi, uMthetho 108 wowe-1996, noMthetho *iLocal Government Municipality Systems Act (Act No. 32 of 2000)* umisela ukuba oomasipala mabanike ingqwalaselo ukusetyenziswa kolwimi kunye nezo lwimi zikhethwa ngabahlali babo;

**NJENGOKUBA** uRhulumente ethathela ingqalelo imimiselo esebenzisekayo neyakhayo ukuphakamisa izinga nokuqhubela phambili ukusetyenziswa kweelwimi zemveli;

**NANJENGOKUBA** uRhulumente efanele ukuqinisekisa ukusetyenziswa kobuncinane kweelwimi ezimbini kwezilishumi elinanye ezimiselweyo zeelwimi zaseMzantsi Afrika kumaziko aseburhulumenteni;

**NGOKO KE,** uMasipala ungqinelana ngqo noMgaqo-nkqubo weelwimi ochazwe kolu xwebhu yaye uyazibophelela ekuqinisekiseni ukuba umgaqo-nkqubo weelwimi uya kuphunyezwa uze usetyenziswe kuwo onke amanqanaba olawulo kummandla alawula kuwo.

### Iinkcazelo

Eli candelo linika iinkcazo zamagama asetyenziswe kolu xwebhu lomgaqo-nkqubo ngaphandle kokuba kucaciswe ngenye indlela.

I-PanSALB

U-PanSALB sisishunqulelo se*Pan South African Language Board*. I-PanSALB libhunga elisemthethweni elisekwe ngokoMthetho 59 wowe-1995, ekukho phakathi kwezinye izinto zawo, ukudalwa kweemeko zophuhliso nokukhuthazwa kokusetyenziswa nokonwatyelwa kwazo zonke iilwimi zaseburhulumenteni zaseMzantsi Afrika.

Iilwimi zikaMasipala

Ziilwimi zaseburhulumenteni zikaMasipala

Ngethuba elifanelekileyo

Ngethuba lexesha elifanelekileyo njengoko kunokuchazwa isizathu sokwenza umsebenzi kodwa kungadlulwa kwiveki ezine.

UmSebenzi kaMasipala

Yimisebenzi yemihla ngemihla ebandakanyekayo ekwenziweni kwemicimbi kaMasipala.

IiNjongo zoLawulo

Yimisebenzi, iintshukumo kunye/okanye unxibelelwano olunxulumene nokusebenza kunye/okanye imicimbi kamasipala/ ummandla othile kaMasipala.

IiKomiti yeeLwimi kaMasipala Yikomiti ekhethwe liBhunga likaMasipala ukuphumeza, ukubeka esweni nokuhlaziya umgaqo-nkqubo weelwimi kamasipala.

## 1. Imithetho-siseko ekhokelayo

Ezi zikhokelo zilandelayo zisisiseko somgaqo-nkqubo weelwimi kaMasipala:

- (1) Imimiselo yomgaqo-nkqubo yeelwimi njengoko iqulathwe kwicandelo 6(4) no-6(2) woMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, wowe-1996, mawuthotyelwe ngokwengcebiso enikwa amaxesha ngamaxesha yiPanSALB.
- (2) Akusayi kubakho calulo lusekelwe kukhetho lolwimi ekuphathweni nasekulawulweni kukaMasipala.
- (3) Abezolawulo mabasebenzele ukukhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi zaseburhulumenteni zikamasipala.
- (4) Luxanduva lukaMasipala ukubonelela ngeenkondo zoququzelelo zeelwimi ezinjengokuguqula nokutolika ulwimi, nezinye ezingezinye njengoko ziya kufuneka, nokwenza ukuba kubekho iimali ezaneleyo ezifumanekayo zezi nkondo.

## 2. Iilwimi ezisetyenziswa nguMasipala

- (1) Ngenjongo yokuqhuba imicimbi kaMasipala woMmandla **waseMohokare, iseSotho, isiXhosa, iAfrikaans nesiNgesi** ziya kusetyenziswa njengeelwimi ezisemthethweni zikaMasipala (ezichazwe apha *njengeelwimi zikamasipala*) ngokwemigangatho nemigqaliselo yezinga nosetyenziso oluchazwe kwicandelo 6 loMgaqo-siseko.
- (2) IBhunga liya kwenza isibonelelo sokusingatha iimfuno ezizodwa zabantu abangaBoniyo nabangeVayo njengokubanika i*Braille* kunye/okanye iiteyiphu ezimanyelwayo kwakunye nokutolika ngoLwimi lweZandla lwaseMzantsi Afrika lwabantu aBazizithulu ngokusekelwe kwizibonelelo zoncedo ezikhoyo.

## 3. Iilwimi zasezintlanganisweni nezokurekhoda zikaMasipala

- (1) Iilwimi zikamasipala mazisetyenziswe kuzo zonke iintlanganiso, oko kukuthi, kwiintlanganiso zebhunga, kwiintlanganiso zekomiti, kwiintlanganiso zeewadi/kwiintlanganiso zabavoti, kwiintlanganiso zeewadi zikaMasipala nekufuneka ukuba kwenziwe isibonelelo seenkonzo zokutolika kusetyenziswa abanobuchule bokutolika ngethuba lezo ntlanganiso, ekufuneka ukuba zihlawulelwe nguMasipala. Oko kuya kwenzeka ukuba ngaba abathathi-nxaxheba bachaze ulwimi abalukhethayo kwiOfisi yoMphathi kaMasipala kunye/okanye kusihlalo wentlanganiso ecetyiswayo (koosihlalo beentlanganiso ezicetyiswayo) besakuba beyifumene iajenda/isaziso sentlanganiso okanye kunye/okanye kwiinyure eziyi-48 ubuncinane phambi komhla nexesha lentlanganiso.
- (2) Yonke imithetho kamasipala, iingxelo zaseburhulumenteni, iajenda nezigqibo zeBhunga likaMasipala kunye neekomiti zazo mazifumaneke ngazo zonke iilwimi

zikamasipala: Ukuba ngaba kwenziwe amalungiselelo angawo ukwenzela ukuba iMithetho kaMasipala, iingxelo zaseburhulumenteni nezigqibo zibhalwe ngolwimi olunye lukamasipala kuqala ze emva koko zifumanekwe ngezinye iilwimi zikamasipala **ezimbini** lingadlulanga ixesha elifanelekileyo. Onke amaxwebhu afumanekayo avela kwimithombo yangaphandle makahlale engolwimi ebehalwe ngalo ngokwentsusa, oko kukuthi, ngolwimi lwentsusa abebhalwe ngalo.

#### 4. Izaziso zaseburhulumenteni

Izaziso zaseburhulumenteni, okupapashiweyo, izibhengezo neethenda zikaMasipala mazipapashwe okanye zikhutshwe **ngazo zonke iilwimi zikamasipala kusekelwe kubantu ekujoliswe kubo.**

#### 5. Unxibelelwano olubhaliweyo oluya kuluntu

Unxibelelwano olubhaliweyo olubandakanya izaziso zaseburhulumenteni, okupapashiweyo, izibhengezo, iithenda, ii-akhawunti, ii-invoyisi, amaphetshana eendaba (izigidimi), ukuphendula kwiileta, neefomu eziya kubahlali bakaMasipala kufuneka zibe kwiilwimi zikamasipala zolwimi olukhethwa ngabo bantu. Ukuba ngaba olo lwimi balukhethayo alukhange luchazwe, kuya kusebenza oku kulandelayo; xa kuphendulwa iileta, loo mbalelwano mayenzeke ngolwimi olo belufumanekwe ngalo unxibelelwano. Kwimeko yopapasho lwezibhengezo ubuncinane **zimbini** kwiilwimi zoomasipala ezifanele ukusetyenziswa kuthathelwa ingqalelo abafundi ekujoliswe kubo.

#### 6. Unxibelelwano ngomlomo

- (1) Lonke uluntu, kubandakanywa nabantu abangevayo ngeendlebe, makunxityelelwane nalo ngolwimi lukamasipala abaluqondayo kuqukwa noLwimi lweZandla lwaseMzantsi Afrika (*South African Sign Language*) (SASL) kunye/okanye iiteyiphu ezimanyelwayo/ii-CD.
- (2) Nawuphi na umntu unako ukusebenzisa iilwimi zikamasipala xa enxibelelana nalo naliphi na iziko likaMasipala.
- (3) **Zone** iilwimi zikamasipala mazisetyenziselwe injongo yokunxibelelana kuLawulo lukaMasipala woMmandla waseMohokare.

#### 7. Ukungathobeli imimiselo yomgaqo-nkqubo weeLwimi

Ukungathobeli imimiselo yalo mgaqo-nkqubo weeLwimi ngamagosa kaMasipala kuya kuthathwa njengokuziphatha gwenxa okunokukhokelela ekuthathweni kwamanyathelo oluleko. Ukungathobeli kwicala likaMasipala kuya kuthathwa njengokunyhashwa kwamalungelo eelwimi ngokweziseko zemimiselo yoMgaqo-siseko.

## 8. Ukuphunyezwa komgaqo-nkqubo

- (1) UMgaqo-nkqubo weeLwimi njengoko udandalazisiwe kolu xwebhu kufuneka ukuba, ngaphandle kokuba kuchazwe ngenye indlela, uphunyezwe kwixesha leminyaka emithathu yomhla wokuqaliswa kwalo mgaqo-nkqubo.
- (2) Ukuphunyezwa kuya kulawulwa yiKomiti yeeLwimi kaMasipala. I-PanSALB ifanele ukuba yinxalenye yeKomiti yeeLwimi ukucebisa umasipala nokubeka esweni ukuphunyezwa koMgaqo-nkqubo weeLwimi.
- (3) IKomiti yeeLwimi iya kusebenza njengayo nayiphi na enye ikomiti kamasipala ngaphandle kweeKomiti eziphantsi kwe*Candelo 79*.

## 9. Ukuqwalaselwa kwakhona koMgaqo-nkqubo weeLwimi kaMasipala woMmandla iMhokare

UMgaqo-nkqubo weeLwimi njengoko udandalazisiwe kolu xwebhu kufuneka ukuba, ngaphandle kokuba kuchazwe ngenye indlela, uphononongwe kwixesha leminyaka **emihlanu** lomhla wokuqaliswa kwalo mgaqo-nkqubo. Inkqubo yokuwuqwalaselwa kwakhona iya kulandela iimfuno zeekomiti zecandelo 79 ngokusebenzisa i*Corporate Services Committee* njengoko kufunwa njalo ngumthetho.

## 10. IiKomiti yeeLwimi kaMasipala

- (1) Ngeenjongo zokubeka esweni nokuhlaziya lo mgaqo-nkqubo weelwimi ngokungqinelayo necandelo 6 loMgaqo-siseko, iBhunga liya kuthi, lityumbe ikomiti yokusebenza njengeKomiti yeeLwimi kaMasipala.
- (2) IKomiti yeeLwimi kaMasipala iya kuba noxanduva:
  - (a) lokubandakanyeka ekuphunyezweni komgaqo-nkqubo omalunga nokuguqulwa nokuhlelwa ulwimi, ngaphakathi okanye ngokusebenzisa inkonzo yomboneleli-nkonzo yangaphandle, iinkonzo zokutolika, nokushicilela amaxwebhu apapashwayo ngokomgaqo-nkqubo;
  - (b) ukunika imiyalelo, ngendlela enobungcali nengakhethi cala, malunga nokusingathwa komgaqo-nkqubo omalunga nemiba yeelwimi kuMasipala okunokukhokelela kungquzulwano;
  - (c) Ukuphonononga kwakhona izinto ezenzekayo ezinxulumene nezeelwimi kuMasipala qho ukwenzela ukuba kwenziwe iingcebiso malunga neelwimi zikamasipala;
  - (d) Ukwenza iinkqubo zokuhlaziywa kwalo mgaqo-nkqubo ngokusekelwe kwingxelo emalunga nokuqwalaselwa kokuqhubeka kwezeelwimi kooceba, kubasebenzi nakuwonkewonke;
  - (e) Ukubeka esweni ukuphunyezwa ngokwezigaba komgaqo-nkqubo weelwimi;

- (f) Ukuqalisa ngezifundo nophando ezijolise ekuqinisekiseni okulandelayo:
- (i) Ekukhuthazweni kokuhlonitshwa kweelwimi zaseburhulumenteni;
  - (ii) Ukukhuthazwa kokusetyenziswa kweelwimi ezininzi kuMasipala;
  - (iii) Ukukhuthaza nokusetyenziswa koovimba bolwimi bakaMasipala;
  - (iv) Ukuthintelwa kokusetyenziswa kwalo naluphi na ulwimi ngenjongo yokuxhaphaza nokongama.
- (g) Ukunxibelelana nabathathi-nxaxheba malunga nemiba enxulumene neelwimi.
- (3) IKomiti yeeLwimi kaMasipala ikwanakho ukusingatha izikhalazo ezimalunga nokunyhashwa kwamalungelo eelwimi abemi ngokungqinelana nalo Mgaqo-nkqubo weeLwimi.
- (4) Ngaphezu koko, iKomiti yeeLwimi kaMasipala kufuneka:
- (a) ithi rhoqo iqinisekise ukuba ooceba nabasebenzi bayaziswa ngokubaluleka kokusetyenziswa kweelwimi ezininzi njengesixhobo sokwakha ukubumbana ngokwezentlalo, ukukhuthaza uphuhliso lwezoqoqosho nokomeleza urhulumente wedemokrasi ngokuhlonipha iyantlukwano yeenkubeko.
  - (b) iqinisekise ukuba izaziso zibekwa kuzo zonke izakhiwo/ii-ofisi ezazisa uwonkewonke ukuba ikhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi kwanokuba amagosa aya kwenza konke okusemandleni ukusebenzisa ulwimi/iilwimi zabantu abanikwa iinkonzo.
  - (c) iqinisekise ukuba onke amagosa nooceba bayakwamkela ukusetyenziswa ngentlonipho kweelwimi kunye nezo lwimi zikhethwa ngamanye amagosa kunye nooceba.